

UKUSEBENZISA ISIZA SAKHO NGEYONA NDLELA IFANELEKILEYO



HOAP

ICEBISO KUBANINI-ZINDLU INCWADANA YOLWAZI



SEBENZISA NGOKUKUKO ISIZA SAKHO



Ukucwangcisa ngendlela eyiyo yobume, indlela esibanzi neside ngayo isiza kunye nokumiselwa kwayo indlu oko kunenzuzo entle. Zicingele iimfuno naxa-mhlawumbi ungafuna isithuba sokuphucula ikhaya lakho ethubeni, indawo yegadi, ukufikeleleko kufakelo lwenkonzo(imibhobho,iintambo zombane njalo njalo), ukhuselo nokhuseleko okanye isikhuseli sobushushu, sengqele okanye umoya esisemgangathweni.

UKUMISA INDLU YAKHO




- *Indlela efikelelekayo neyiyo kunye nebonakalayo esitalalweni.*

Lawula ukufikeleleka endlwini yakho nasesizeni sakho ngokusebenzisa amacango kunye namasango atshixwayo. Ucango nesango lwakho kufanele luvele ngokupheleleyo apha endlwini nakubamelwane. Kufanele ubone okwenzekayo endleleni nakubamelwane.

- *Indlela efikelelekayo yofakelo zinkonzo esizeni sakho*

Indlela eme ngayo indlu yakho kufanele ukuba ingaxini ukuziswa nkweenkonzo zikamasipala. Qinisekisa ukuba inkunkuma yakho iyathathwa ngokulula. Qinisekisa ukuba iintambo zombane, iimibhobho yelindle namanzi ifumaneka ngokulula. Imijelo yokuhambisa amanzi emvula kufanele ibe nendawo yokukhupha amanzi ngaphandle kwendawo yakho.



- *Isithuba sokuphucula ikhaya lakho kwilixa elizayo*

Shiya indawo ukulungiselela ukwandisa amagumbi kwilixa elizayo. Cinga ngendlela iifestile namacango azakuphuma na ukwenzela ukuba amagumbi akho afumane ilanga nomoya ngokwaneleyo.



- *Indlu ekhuselekileyo nesempilweni*

Wamise amagumbi neifestile zakho uthathe amathuba welanga lendalo elizakube lingena apho kunye neentunja, oko kungaphucula ubumanzi bendlu kunye neemeko ezingekho sempilweni. Fakela uze uyigqume isilingi ikuze ubushushu bungadluli ukuphucula ubuntofontofo bekhaya. Qinisekisa ukuba iifestile zakho zikude kwezommelwane wakho ukuqanda ukugaxeleka engozini yomlilo.

- *Indawo yoshishino endlwini*


Ukuba usebenzela endlwini gcina isithuba esikhuselekileyo, esicocekileyo nesisempilweni ukwenzela ukurentisa amagumbi, iziphaza, ii-ofisi zasekhaya kunye neezindlu zokusebenzela njalo njalo. Yenza ukuba uluntu lufikeleleke ngokulula kunye neenkonzo zikamasipala.



- *Isithuba esingaphandle endlwini esinomtsalane nesinokusetyenziswa*

liyadi kunye neegadi ezinomtsalane ezinemithi, izityalo, umthunzi kunye nemifuno zenza izithuba ezilungileyo nezihle zaphandle kwaye zongeza impilo esemgangathweni.

ELONA CEBISO LIBALULEKILEYO LELI



UKUZIQHELANISA NENDLU YAKHO

Kufanele uthathele ingqalelo imozulu yendawo ohlala kuyo kunye neemeko ezifana nelanga, imvula kunye nomoya kunye nezinye izinto zobumelwane.

- *Jongisa amagumbi athile emntla. Amagumbi anefestile eziqongiswe emntla angenisa ilanga lasebusika aze abe nomthunzi ehlotyeni. Zimise iifestile ezinkulu ngendlela yokuba zifumane ilanga emntla nasempumalanga, uze umise ezincinci zikhusele ubushushu bungaphumi kuloo magumbi abandayo. Izikhuseli langa ezizizo ziyakuthi zililawule iqondo lelanga elingena ngefestile.*
- *Sukuzibeka okanye zikhusele iifestile ezinkulu ezikumadonga asentshona langa nasemzantsi. Amagumbi anefestile eziqongise entshonalanga anelanga elitshisa kakhulu nelinganyamezelekiyo ehlotyeni, kodwa amagumbi anefestile eziqongise emazantsi wona anelanga elincinci kakhulu. Sebenzisa iifestile ezincinci kumadonga asentshonalanga nasemazantsi, okanye zikhusele ngekhethini eyenziwe ngelaphu elomeleleyo okanye tyala umthi phandle.*
- *Amacango neefestile kufuneka zijongise kude emoyeni nakwimbalela. Ziqhelanise nendlu yakho ukwenzela wazi ukuba amagumbi, iifestile kunye namacango akhuselekile emoyeni ongafunekiyo.*



- *Yandisa indawo enomthunzi*

Imithi nezakhiwo zingenza izikhuseli zenze nemithunzi, zize zenze neentunja ezilungileyo.

Qaphela: Ukusisebenzisa ngokukuko isiza sakho asiyonto yenzekayo ngawo onke amaxesha. Kwiziza ezincinci akukho zithuba kwaphela, abamelwane bakufuphi kwaye nesitrato sikwalapha. Kodwa ke kufanele ulixhamle ithuba lelanga nomoya, oko kuyakwenza ukuba indlu yakho ihlaleke kuze oko konge umbane kucuthe neendleko.

ISICWANGCISO SENDLU NOLWAKHIWO



- *Isiseko esilungileyo*

Hlola umhlaba neendawo ezifumileyo kwisiza sakho uze wakhe isiseko esisiso ngokusebenzisa isinqandi kufuma (damp proof course). Uyawafuna amacebiso okuqinisa amadonga nesiseko sakho.

- *Iziza ezimqengqelezi*

Ukuba isiza sakho siseqhineni kuyakufuneka wenze umgangatho phambi kokuba wakhe indlu yakho. Isiseko sakho kufanele sifikelele phantsi kumhlaba oqinileyo kuze kuthi amanzi akhoyo omthombo akhutshelwe ngaphandle engakhange akhukulise uhlaba wesiza sakho.

- *Imijelo esesizeni nokhuseleko emvuleni*

Qinisekisa ukuba amanzi ayahamba apho esizeni sakho awahlali kwaye khusela isiza sakho singabi namanzi amileyo okanye sifunxe amanzi. Umgangatho wakho kufanele ukuba ube ngama-150mm ngaphezulu komhlaba ojikeleze isiza sakho. Cinga ngokuyiplastara nokuyipeyinta indlu yakho.



- *Amazingi ajinga emacaleni kunye namadonga ahlula iziza ezimbini*

Amazingi ajingayo ophahla anceda ekukhuseleni iifestile kunye namacango emoyeni nasemvuleni. Amadonga ahlula iziza onga izithuba kunye nezinto zokwakha ize inciphise neendawo ezisesichengeni semo yezulu. Zama ukuba ungabi namadonga ahlula isiza ajongise entla.

- *Ukukhusela ubushushu bungaphumeli nokwenza iintunja*

Fakela isilingi uze uyenze igcine ubushushu ukwenzela ukuba ikhaya lakho lihlale lifudumele. Izitena ezinentunja zokungenisa umoya zikhusela ikubila emadongeni nasezifestileni.



JONGA EZINYE IINCWADANA MALUNGA:

- Ukugcina ikhaya lakho lifudumele
- Ukuphucula ikhaya lakho



CITY OF CAPE TOWN
ISIXEKO SASEKAPA
STAD KAAPSTAD

Ipapashwe Development Action Group
101 Lower Main road, Observatory, 7925
Umnxeba: (021) 448-7886 • Ifeksi: (021) 447-1987